

GAM

GROCOTT'S MAIL

3 April 2020 • Vol. 150 Issue: 009

Your newspaper, **FREE OF CHARGE**

This special COVID-19 Lockdown edition of *Grocott's Mail* is a collaboration with Rhodes University's DSI/NRF Chair in Biotechnology Innovation & Engagement, Community Engagement, Biotechnology, Pharmacy, Journalism & Media Studies, Communications and Advancement, Centre for Social Development, Lebone Centre, Numeracy Chair and Psychology Department, as well as Makana Municipality, the Department of Health, the South African Police Service and role models in our community. We bring the important message, #StayAtHome - #SaveLives.

Show your care about our community by keeping to the lockdown regulations. And please:

- * Keep at least 1.8m from other people (social distancing)
- * Wash your hands regularly with soap and water for at least 20 seconds
- * #StayAtHome

#StayAtHome

Izinto okufuneka uzazile ngeCoronavirus nokuhlala ngendlu

Grocott's Mail is partnering with RMR 89.7 to bring you Covid-19 news and updates. Tune in to RMR 89.7 at 1.15pm daily.



6-8 DUNDAS STREET
GRAHAMSTOWN

TM TYREMART
RIGHT TYRES... RIGHT PRICE

- Essential services
- Emergency callouts

Monday to Friday
9am to 12noon

Call **072 533 0121**



HYUNDAI
GRAHAMSTOWN

To all our clients please stay home and stay safe during this lockdown period.

Please note that we are **OPEN** for Vehicle Financing and Purchase Enquires Contact Steven on any of the below:

Email: steven@lensauto.co.za
Mobile / WhatsApp: **078 1133 497**
Website: www.hyundai.co.za

Call for **NEW & USED** vehicle Specials



AKHONA "BHODLINGQAKA" MAFANI

POET & SCRIPTWRITER

Ndifuna nje ukukhathaza abantu bakuthi ngeCovid-19, kubalulekile ukuba silandele imimiselo nemiqathango ethelwe ngurhulumente kwakunye nesebe lezempilo. Kukhuselekile ukuthi elowo ahlambe izandla zakhe, angabuphathi ubuso bakhe kwaye amele qelele komnye umntu.



MZUKISI MPAHLWA MAKANA MAYOR

Ndiyabacela bonke abahlali bazame ngako konke abanako ukuba bahlala ezindlini. Ngokwenza njalo nam ndiye ndafunda ukuba ndiyakwazi ukupheka. Ndicela abazali nabantwana bahlale ezindlini bapheke, badlale bafunde neencwandi. Le ntsholongwane iyabulala, singayilwa siyoyise le mfazwe ukuba sinokusebenzisana.



AYANDA KOTA UPM

Sithi isicelo esithubekileyo, isicelo ngexesha ilizwe lethu lijongene nentsholongwane, masizameni ngalo lonke ixesha zihlambe izandla zethu, ngenjongo yokunqanda lentsholongwane. Masizameni ukuhlala endlini, ukuba umntu unomkhuhlane angawuqondiyo, makakhawuleze adibane neziko lezempilo. Sisonke sibambiseni, singasoyisa lentsholongwane.



SILINDOKUHLE NONYATI AFRICAN CONNECTION PLAYER

Ndicela abantu bazikhusele ngokuthi angasondelela nabanye abantu, kwaye xa ungaziva kakuhle uzibona ukuba uqalwa nangumkhuhlane, khawuleza udibane nogqirha akuvavanye. Hlalani emakhaya, nivase izandla.



LEWIS NTLANJANI JOZA CALLIES COACH

Umntu ngamnye makahlale endlini, ukwenza njalo uyoba kanti ukhusela abantu ophila kunye nabo. Qinisekisa ukuba izandla uzihlamba njalo emveni kwento yonke othi uyiphathe. Hlala uwuqwasele umgama phakathi kwakho kwakunye nomnye umntu.



SINDI DINGANA UPSTART

Ukunikhumbuzo, masingalibali ukubekela qelele kwabanye abantu. Hlalani emakhaya, nivase izandla njalo. Xa uziva unomkhuhlane, ndwendwela iziko lezempilo uvavanywe kuselithuba. Masinyamele kude kudlule lenyewe.

#HlalaEndlini SindisaUbomi

Iintsuku ezin-
gamashumi mabini
ananye zommiselo
wokuhlala ngendlu




Kutheni kufuneka uhlale ekhaya?

Oku kukunqanda ukunwenwa kwentsholongwane i Corona ukuze kusinde abantu base Mzantsi Afrika.



Ukuya kwaGqirha okanye uyofuna amayeza.



Uyokwamkela indodla.



Uyokuthenga ukutya.



Yogquma umlo nempumlo ngengqiniba xa ukhohlela okanye uthimla.



Qiniseka ukuba ume umgama ongange-1.8 yee mitha ebantwini.

Ukuphuma ngaphandle ungaphumeli ezizinto zikhankanywe ngasentla



Kungakufaka emngciphekweni wokubanjwa udlwe imali okanye uthothoze entolongweni kangangeenyanga ezintandathu.

Ngeenkukacha ezithe vetshe ngale ntsholongwane ndwendwela ku:
www.sacoronavirus.co.za
okanye utsalele inombolo yomnxeba ekhawulezileyo: 0800 029 999
okanye ku WhatsApp: 0600 123 456



RHODES UNIVERSITY
Where leaders learn



Amapolisa aphanda ubunyani ngokuphengulula isingxobo somhlali walapha eMakhanda, emveni kokumisa ngelithi uvela kuthenga edolophini ngosuku lokuqala kuvalo mba. Umfanekiso: Sue MacLennan

Amanyathelo akhuselekileyo ngexesha lokuvalwa mba

Ngomhla wama-23 ku-Matshi 2020, uMongameli wabhengeza ukuvala yonke into ukusukela ngomhla wama-26 ku-Matshi ukuya kowe-16 ku-Apreli ngo-2020. Njengokhokelo kumasipala waseMakana sithathe ezi zigqibo zilandelayo:

- Abantu kufuneka bahlale emakhaya ngaphandle kokuba bayokwenza imisebenzi ebalulekileyo okanye bathenga iimpahla ezifanelekileyo, iimpahla ezisindisa ubomi okanye baya kufumana izibonelelo zendodla.
- Abantu kufuneka baziphophe iindawo zikawonkewonke kwaye yonke imisebenzi yoluntu kufuneka iyekisiwe
- Ukuya kubaleka okanye ukuhambisa izinja akuvunyelwa ngexesha lokutshixa
- Yonke imisebenzi yezemidlalo, yobugcisa, yenkolo kunye nenkcubeko kufuneka ibanjwe (Oku kubandakanya ulwaluko kunye nezinye izithethe zesintu.
- Zonke iindawo ezithengisa

utywala kufuneka zivaliwe

- Abantu abangaphezulu kwe-50 abavumelekanga ukuba bahlanganisane kwindawo enye ixesha elingaphezu kweyure (Oku kuyasebenza nasemingcwabeni)
- Akukho ziindwendwe zivunyelweyo kumabanjwa eeNkonzo zoLuleko (Ngaphandle kwamagqwetha kunye noNontlalontle)
- Ngumtyeleli omnye kuphela oza kuvunyelwa ngeyure nganye kwisibhedlele sase-Settlers
- Isibhedlele sase-Settlers sikulungele kakuhle ukujongana ne-Coronavirus
- Abanikezeli bokhathalelo abavela kwiiklinikhi eziyi-19 kunye namaziko okunyamekela ayi-5 aqeqeshiwe ngokufanelekileyo ukujongana nalobhubhane
- Oogqirha bezomkhosi bazakukhaph amajoni ngeli thuba
- Iitekisi zivunyelwe ukuba zisebenze phakathi ko-5.00am ukuya ku-9.00am naphakathi ko-4.00pm no-8.00pm
- Iitekisi kufuneka zithwale kuphela isiqingatha senani

labakhweli kuhambo ngalunye.

Onke amashishini kunye neevenkile kufuneka avale ngaphandle kwezo zibonelela ngeenkonzoz ezifanelekileyo kunye neempahla ezibalulekileyo.

- Le miqathango ibandakanya iikhemesti, iilabhoratri, iibhanki, iinkonzo ezibalulekileyo zemali kunye nentlawulo, iivenkile ezinkulu, izikhululo zepetrol kunye nabanikezeli bezempilo.
- I-SAPS inikwe amandla okunyanzela ngokungqongqo la manyathelo ngaphandle koloyiko okanye ukukhetha
- I-SAPS iya kuxhaswa yi-SANDF ekwenzeni lo msebenzi
- La manyathelo angqongqo enzelwe ukusindisa ubomi bethu kwesi sifo sehlabathi, esibizwa ngokuba yiCorona Virus.

Ndihlaba ikhwelo kubo bonke abahlali ukuba basebenzisane nabameli bezomthetho

Ndiyabulela ngeksaso yenu!

Executive Mayor
Cllr Mzukisi Mphahla

Umyalezo ovela kuMapolisa aseMpuma Koloni ngentsholongwane ye-Covid-19

The SAPS in the Province would like to appreciate the amount of cooperation received from a large number of people across the Eastern Cape. However, there are still a few who do not seem to understand the significance of the Regulations and Disaster Management Measures as declared by the President of the country.

The South African Police Service as part of the broader integration of Government institutions that are charged with the responsibility to educate people about these measures, it also carries a mandate to enforce these laws especially where there seems to be resistance.

In terms of these measures, all people have been requested to STAY AT HOME for the

duration of the stipulated period of a LOCKDOWN. They are however allowed to run to the nearest shops for food and return to their homes without violating the regulations.

They are allowed to visit clinics and chemists. They attend funerals, but observe the stipulations in terms of the numbers of attendees which is fifty (50). Those who are in other provinces cannot cross the borders unless they are granted permission to do so by the relevant authority.

During this week people especially the SASSA Pay-out pensioners and other beneficiaries were allowed to go to the banks, pay-points and do shopping. However, in terms of the rules, this had to be done within 5am and 8pm.

Beyond that period, nobody nor transportation of people is permitted on the roads.

Taxi drivers have been encouraged to observe these conditions, including observing the social distance between commuters. Adherence to health standards during this time has been encouraged to both member of the SAPS and the public.

All the information relating to this has been made available to the community through pamphlets and social media. Taxi owners are advised to sanitise to minimise chances of transmission of the virus Covid-19.

Everybody knows that a number of activities have been suspended and these include taverns, church services, traditional ceremonies and other

rituals. It has been observed with concern that there are those who continue to sell liquor to the people at this time. Some were arrested for this and liquor confiscated.

There is a large deployment of forces across the province especially the identified hot-spots.

So far the work of the security forces is going well except for those who continue to undermine the law. In these particular instances, the police have not hesitated to act and act with decisiveness.

Ever since the announcement by the President, together with other departments the SAPS has been involved in Awareness Campaigns around the province and these activities are bearing the desired outcomes.

Kuvalwe zonke iimbombo, amazibuko neendlela ezidibanisa iidolophu zeli lizwe. Sikhuthaza uluntu lwethu ukuba kuhlale ngaphakathi ezindlwini.

Eli phulo lokuvalwa kwamaZibuko lenzelwe ukuthintela kunye nokulwa ukunwenwa kwesifo nentsholongwane ye-Covid-19. Abomkhosi wezokhuselo weli, bebambisene nabenkonzoz yesipolisa balapha, beze kuqinisekisa ukhuseleko lwakho.

Nceda ke uhlale ngaphakathi endlwini. Ungalishiya ikhaya lakho xa ukhangelwa ukutya, amayeza okanye ukufumana imali esisibonelelo sikarhulumente. Nalapho, makungahambi wonke ubani, makuhambe umntu abemnye kuphela ukuya kufuna ezi zinto zishotayo okanye iinkonzo ezingxamisekileyo.

Nceda ungathengi ngaphezulu koko kufunekayo okanye kufanelekileyo kwiivenkile zikawonkewonke nje ngoko iivenkilana ezisekuhlaleni zikwavuliwe, zivulelwe ukunceda wena nosapho lwakho.

Ukuba ubona okanye uqaphela impawu zomkhuhlane, ukukhohlela, ukuqhawuka komphumlo okanye ukuphefumla nzima. Khawuleza usuke kwindawo enabantu abaninzi uzenze ikheswa. Tsalela umnxeba kule nombolo, 0800 029 999 ukuze ufumane uncedo.

– Olu lwazi lubalulekileyo lweCovid-19 Lockdown niluziselwe lisebe lweenkonzo zamapolisa oMzantsi Afrika.

Intlanzi kunye nesipho

NguLIESL JOBSON, uJESSE

BREYTENBACH noANDY THESEN

Ngomnye uLwesihlanu okhethekileyo utata kaYusuf wanxiba phambi kokuba kuthi qheke ukukhanya esibhakabhakeni. Wazithi wanambu ngesikhwehle sakhe kunye nomnqwazi wakhe wewulu oluhlaza wokogquma iindlebe. Wawangawangisa ebhahayisa kunyana wakhe. Amehlo kaYusuf abengezela lulonwabo xa uPapa esithi, "Namhlanje yimini endiza kubamba ngayo intlanzi ndize ndikuphatlele nesipho".

Intlanzi kunye nesipho? Owu, kazi sizakuba yintoni? UPapa waqhuba ibhayisekile esehla ngendela eya eMuizenberg. Tshixi, tshixi, angxola njalo amavili ukuya kutshona eSurfer's Corner.

Amangabangaba ayajikeleza esibhakabhakeni. "Wha-a-a! Wha-a-a! Wha-a-a!" akhala njalo. "Uzakumphathela ntoni uYusuf?"

UPapa wakhalisa uphondo lwebhayisekile yakhe. "Lindani niza kubona ukuba iza kuba yintoni na!"

Abalobi babukele ilanga lisenyuka. Bakhangelana iminatha yabo ukuba imi kakuhle kusini na. Bakhangelana amaphini abo okuqhuba izikhithshana. Bamamela ukuba uvela ngaphi na umoya. Batsala izikhithshana zabo bezifaka emaninzi. Utat'omkhulu kaYusuf, uTa'mkhulu uSalie, wayengumlobi oloba ngokutsala umnatha emva kwesikhithshane. Phambi kwakhe, utata wakhe, uTa'mkhulu uRidwaan, wayelwazi naye ulwandle.

Isikhithshana saya phambili siqhutywa ngamaza. Iingalo zikaPapa zabamba iphini lokuqhuba isikhithshane. Umlenze wakhe waxhathisa ecaleni lesikhithshane. Intamo yakhe yatsaleka, nezihlunu zakhe zahukuma. UPapa wayecula lo gama asebenzayo, "Yihla uze uthi swahla. Fumana iintlanzi. Tsala macala onke. Ungayeki."

Yonke loo mini uYusuf wayejonge sibhakabhakeni. Sasiluhlaza, kungekho nalinye ilifu nomoya ungekho. Intlanzi kunye nesipho! Uza kundiphathela ntoni bethu uPapa elwandle? Ngamanye amaxesha undiphathela unokrwece omhle. Maxa wambi andiphathela ibhotilana eluhlaza yamaso etyekezwe ngamaza.

Ngezinye iintsuku utata kaYusuf uza nebali. Njengalaa mini babefumene ngayo amafudo aselwandle entlabathini, amakhulu-khulu amafudo etyekezwe lulwandle emva kwesiphango.

"Wha-a-a! Wha-a-a! Wha-a-a!" akhala njalo amangabangaba. "Uza kwenza ntoni enokunceda amafudo aselwandle?" UPapa wathi, "Siwasindisile loo mafudo, ndiyakuxelela. Siwabuyisele elwandle kwakhona, nditsho nelokugqibela."

Ngalo lonke ixesha uPapa ubuya nengoma. Ucula ingoma lo gama etsala iphini lokuqhuba isikhithshane. Ucula ingoma lo gama etsala iminatha yokuloba. Ucula ingoma xa asonga iintambo. Ucula ingoma njengokuba enyova ibhayisekile yakhe, egoduka.

"Yihla uze uthi swahla. Fumana iintlanzi. Tsala macala onke. Ungayeki."

UMakhulu uSafiya ufuna intlanzi i-yellowtail emnandi netyebileyo yesidlo sangokuhlwa.

UMama ufuna ilokhwe entle. "Musa ukufane ube nethemba," utsho uMakhulu. "Uya kuba unethamsanqa ukuba babambe unonkala omncinane. Mhlawumbi ingade ibe nguLwesihlanu we-fish tail lo.

Akusekho zintlanzi zininzi ziseleyo elwandle." UYusuf ubamba isandla sikaMakhulu. Bawela indlela ngakumagunjana okuhlamba. "Wha-a-a! Wha-a-a! Wha-a-a!" kukhala amangabangaba ethe ngcu phezu kwamaphahla anemibala eqaqambileyo. "Yintoni isidlo sangokuhlwa?"

Kunyaka ophelileyo aba-

lobi balwa nabadlali ababaleka ngebhodi phezu kwamaza. "Wha-a-a! Wha-a-a! Wha-a-a!" kukhala amangabangaba. "Ulwandle lonele wonke umntu," watsho utata kaYusuf. Wababonisa abadlali iphepha-mvume yokuloba eyayiyekaTat'omkhulu uSaliw. "Amanza ngawomntu wonke. Amanzi asimahla."

UMakhulu uSafiya ujonge ngoomabonakude bakhe, iminwe yakhe ide yagoba kukufuna ukwazi. Intsimbi elumkisa ngobukho bukakrebe iyakhala. Abaqubhayo babaleka baphume elwandle, bathathe iitawula zabo. Abadlali ngeebhodi kumaza baza elunxwemeni nabo, bethe khu phantsi kweengalo zabo ibhodi zabo zokukhwela kumaza. Phantsi kweeshawa bakhulula iimpahla zabo zokudada.

"Wha-a-a! Wha-a-a! Wha-a-a!" kukhala amangabangaba. "Uza kubuya nantoni utata kaYusuf elwandle?"

Utata kaYusuf nmpalume kunye nabazala bakhe bayakhefuzela bayatsala. Ukrebe omncinane ubanjisiwe. Uyabhinyalaza ezibethekisa emazeni. Utata kaYusuf ukhulula ukuphithana kweminatha, eculela ukrebe, "Yihla uze uthi swahla. Fumana intlanzi. Tsala macala onke. Ungayeki."

Ekuqibeleni xa ukrebe ekhululekile, edada ukubuyelaelwandle, kushiyeka kuphela intlanzi enya etyebileyo yohlobo lwe-yellowtail. UMakhulu uSafiya uza kuvuya.

Amadoda atsala isikhithshane azeasonge iintambo. Unxantathu onzima nomhlophe ubambisa umnwe kaPapa.

Wha-a-a! Wha-a-a! Wha-a-a! kukhala amangabangaba. "Umphathele ntoni uYusuf?" Njengokuba ilanga lisiya litshona, uPapa uphendula amangabangaba, "Ndiphathele unyana wam izinyo lethamsanqa likakrebe." Ekhaya uYusuf uphakamisela isipho sakhe phezu, ezinkwenkwezini.

UMSEBENZI WEBALI

Imibuzo kunye nemisebenzi esekwe kwibali "Intlanzi kunye neZipho" nguLiesl Jobson, Jesse Breytenbach kunye no-Andy Thesen (Ibali lencwadi elishicilelwe phantsi kweLayisensi yeCreative Commons 4.0) zifumaneka ngokupheleleyo kwiBhuku leDash.

Umbuzo wememori:

1. Zeziphi ezinye zezipho okanye izipho ezazibuyiswe nguyise kaYusuf ngaphambili?

Imibuzo yokucinga:

2. Kutheni le nto abaphilayo bemka nje elwandle?
3. Utata kaYusuf wathi "uwasindise njani amahobe?"
4. Uziva njani u-Ouma Safiya ekupheleni kwebali?

Imisebenzi


5. Kwibali eliva iinyoni zaselwandle zikhale "Whaaaaat? Waaaaat? "I-seagulls, njengoko sisazi, ihlala kufutshane nolwandle. Zeziphi iintaka kwindawo yakho? Ngaba uyawazi amagama abo kunye nezandi abazenzayo? Ukuba akuceli umntu omdala ukuba akuncede.

6. Ngamanye amaxesha abantu badinga uncedo njengamafudo akweli bali afuna uncedo. Cinga xa kukho umntu omaziyo ofuna uncedo. Ngamanye amaxesha kufuneka sancede abantu abadinga uncedo kuba sikhulu ngokwaneleyo, okanye somelele ngokwaneleyo. Siza kunceda njani kodwa ukuba sinokunceda sanceda. Ngaba ukhona umntu onokunceda ngayo nantoni na?

7. Tshatisa iikholamu ngokuzoba umgca phakathi kwezinto ohambelana nazo:

uYusuf	ebefuna intlanzi isidlo sangokuhlwa.
Utata kaYusuf	Ndineeqokobhe.
I-Seagulls	usindise oofudu.
Ouma Safiya	wakhwaza "WHAAAT"?
Ilfudu	wayevuya ukubona ukuba utata wakhe uza kumzisela ntoni ekhaya.

9



- Jonga le ntlanzi ingentla:
- Zingaphi iintlanzi ezikhoyo?
- Yeyiphi eyona ntlanzi inkulu?
- Zeziphi iintlanzi ezifanayo ngokufanayo?
- Yeyiphi intlanzi ebheke phezu?
- Zeziphi iintlanzi ezifanayo kodwa ezahlukeneyo ngobukhulu?
- Yeyiphi intlanzi esezantsi?
- Zingaphi iintlanzi ezibhukuda ziye ngasekunene?
- Yeyiphi imilo misila yeentlanzi ezibomvu?

10. Utata kaYusuf usebenzisa umnatha ekulobeni. Abanye abantu babambisa iintlanzi ngentambo kunye nomgca wokuloba. Masenze abalobi nabalobi beentlanzi: [Lo msebenzi uza kufuna uncedo lwabadala.]

Okokuqala, nquma iintlanzi ezintlanu. (Okanye kungcono usazobe eyakho intlanzi kwaye uyisike).

Emva koko yenza intonga yakho: Fumana intonga ethe ngqo kwenye indawo engaphandle kwendlu yakho. Ukuba awuyifumani intonga sebenzisa isipuni esiphethe ngesandla eside kwintonga yakho. Bopha into kwintonga yakho ukuze wenze umgca-ungasebenzisa isiqwenga somtya okanye imisonto kwiorenji okanye i-nyanisi engxoweni, okanye isiqwenga esincinanana kakhulu sephepha-ndaba (ngokubanzi nje ngomnwe wakho omncinci malunga nesiqingatha sesentimitha. Ngoku dibanisa into unamathela esiphelweni njengebhlogo encinci yeentyatyambo kunye namanzi (ubungakanani benkontsho yomntwana wakho) okanye iPrestit ukuba unayo).

Beka iintlanzi yakho phantsi (zibalwe njengoko uzibeka ezantsi) kwaye uzame 'ukubabambisa' ngen-tonga "yakho ukuba uchukumisa intlanzi iphela emgceeni wakho - wenze kakuhle! Ngoku cofa phantsi ngobumnene ngomnwe wesinye isandla kwisiphelo somgca apho ibhloko yomgubo 'ikhona kwaye uphakamise iintlanzi zakho "emanzini". Zama ukubambisa zonke iintlanzi ezi-5.

[Ukuba unayo umazibuthe omncinci kunye nephepha eliphelwa ekhaya ungongeza imaghethi kumtya kunye nephepha lokuloba kwintlanzi.]

Iimpindulo

1. Iqobolondo, ibhotile, amabali kunye neengoma. (Ngomhla webali, wazisa izinyo lookrebe.)
2. Babesoyikisa ookrebe kuba ookrebe banamazinyo abukhali kwaye maxa wambi baluma abantu.
3. Wabasindisa ngokubabuyisela elwandle apho bahlala khona.
4. Uziva ukuba wonwabile kuba bekukho ivenkile etyheli yokutyela isidlo sangokuhlwa kwaye mhlawumbi uYusuf wayonwabile. [Abantwana banokuza neempindulo ezingcono ezahlukeneyo apha]
5. Iintaka ezihlala zibonwa eMakhanda ziinqwelo, iirobhothi zase Kapa, iijuba, ioyile yomnquma, abaluki, iinkwenkwezi kunye ne-hadedas.
6. uYusuf wayevuya ukubona ukuba utata wakhe uza kuzisa ntoni ekhaya.
7. Utata kaYusuf usindise iifudol-Seagulls yakhala "WHAAAT?"
8. U-Ouma Safiya wayefuna intlanzi kwisidlo sangokuhlwa.lifudu zinamagobolondo.
9. Kukho iintlanzi ezi-5. Intlanzi etyheli ezantsi inkulu. Zonke iintlanzi ezibomvu ziyafana ngaphandle kokuba ezantsi zibhukuda zaya ezantsi. Iintlanzi ezimbini eziphuzi ziyafana kodwa enye ephuzulu incinci kwaye enye ngaphantsi kwayo inkulu. Oonxantathu.

IMasifundisan' eMakana yindibaniswano phakathi kwamaqumrhu, eququzelelwa yiCentre for Social Development eRhodes University, esekelwe ukunikeza izixhobo zokufundisa kubagcini-ntsapho ngethuba lovalo mba. Lamaqumrhu aqua iRhodes University School of Journalism and Media Studies, iMaths Literacy Chair kunye neLebone Centre.

Ndizakunceda – I will help you

"Shu!" uMama uKhwali manzi wenzakaliswa lucingo oluhlabayo ephikweni nasemlenzeni wakhe.

"Ndonzakele. Andikwazi ukugoduka ndiye ebantwaneni bam," watsho.

"Ndincedeni bantu."

"Kutheni ulila nje Mama uKhwali manzi?" kwabuza uLungile.

"Andikwazi ukugoduka, ndiye ebantwaneni bam, watsho ngelokuphendula.

"Ndiza kukunceda," watsho uLungile.

"Enkosi Lungile!"

Ngosuku olulandelayo, uGogo wathuma uLungile evenkileni ukuba aye kuthenga isonka.

Endleleni, wadibana nabahlobo bakhe waza waya kudlala nabo emlanjeni. Eyish! Imali ilahlekile.

"Ungabuyeli apha ekhaya ude ube uyifumene loo mali!" wangxola watsho uGogo.

"Kutheni ulila nje Lungile?" wabuza uMama uKhwali manzi.

"Ndilahle imali ebendiyinikiwe nguGogo ukuze ndithenge isonka. Ngoku asinaso isidlo sangokuhlwa."

"Ndiza kukunceda" watsho uMama uKhwali manzi.

Amechlo kaMama uKhwali manzi abukhali azibona iingqekembe zemali zimenyezela apho emanzini.

"Enkosi, Mama uKhwali manzi."

Iindlela ezikhuselekileyo zokuzilolonga emakhaya



NguCHRIS TOTOBELA

Eli lixesha elinzima kubadlali balapha eMakhanda nanjengoko bechitha ixesha elinizi behleli emakhaya. Oku kwenzeka emveni kokuba urhulumente eye wayalela abantu ukuba bazivalele emakhaya kwiinzame zokuqhubisana nokusasazeka kwe ntsholongwane ye Covid19.

Zininzi izinto umntu anokuzenza ngelithuba esahleli ekhaya ukuzama ukugcina umzimba usempilweni. Amagqiyazana eAfrican Connection nawo asabele kweli khwelo lika rhulumente kwaye alandela yonke le miqathango ebekiweyo, akwasebenzisa elithuba ukuzilolonga ngeent-

shukumo zemithambo ezilula kakhulu ezenzelwe wonke ubani ukuquka nabo sele bekhulile abangadlaliyo.

Nazi ezinye izinto ezilula nje onokuzenzela ekhaya.

1. Ukujikeleza ukhawuleza apha phakathi kuwe eyadini ungakhange ube kanti uphumele ngaphandle. (Imizuzu nje emihlanu ubuncinane)

2. Ukutsiba ugqaphu imizuzu emibini ukuya kwemithathu ungakhange uphumle.

3. Ngxabalaza uvule imilenze, goba uchukumise iinzwane ubambebele apha kuzo imizuzwana emibini usolula imisispha le engasemva emathangeni nase ziqulubeni.

4. Thatha isitulo nje es-

iqhelekileyo qala ubeke umlenze kule ndawo yokuhlala uwolule kwaye uqiniseke ukuba awugobi umlenze. Yenza yomibini imilenze.

Phinda usijike isitulo size ngomva ubeke umlenze phezulu kule ndawo yokoyama, phinda uwolule uqiniseke ukuba awugobi. Yenza yomibini imilenze wakho.

Masiyibambe apha okwaleveki sizokuphinda sibuye neminye imithambo elula yasekhaya kwiveki elandelayo.

Yithi chu umane usenza oku kungentla kwaye uzakuwuba uphinde uwubone umehluko. Chu nje kancinci nto zakuthi ningangxami.



USilindokuhle Nonyati weAfrican Connection, uchitha imini ezilolonga ekhaya kwelithuba imidlalo isanqunyanyisiwe. Imifanekiso: Sue MacLennan

Akukho krwada ukugcina umgama ngoba iCOVID-19 iyanwenwa

NguSTEVEN LANG

Umongameli uCyril Ramaphosa ubeke imithetho ekufuneka abemi meli bayithobele, ngezizathu ezilungileyo. Lemithetho yenzelwe ukuba inqande ukunwenwa kwe ntsholongwane yeCorona, iCOVID -19, ukuze kunciphe ukusweleka kwa bantu kwelizwe.

Owona mthetho unzima kodwa obalulekileyo ngulo wokugcina umgama ongane 1.8 yemitha .Lomgama ulingana nobude bomtshayelo xa uwolulile ngengalo eluliweyo, ukuba uyakwazi ugcina lomgama unako unciphisa amathuba okusuleleka.

Ukugcina umgama kukhusela wena ungosuleleki yintsholongwane futhi ungosuleli nabanye kwi meko apho ungazi ukuba sowusulelekile yiyo.

Akukho lula ukuba qelele ebantwini ngokuba seyisiqhelo ukusondelelana xa sifolile, xa sidlulana endleleni na xa sihleli ezimontweni okanye kwi zithuthi zika

wonke-wonke.

Umongameli wenze esisibengezo ukuze kusinde ubomi bethu. Amapolisa namajoni agadile ezitalatweni ukuze bancedisane nathi. Bakhumbuzaba abantu ukuba bahlale ezindlini futhi bagcine umgama.

Kululutho ukumamela amapolisa nabanye abanikezwe igunya lokugcina uncwango kuba banceda thina. Benza konke okusemandleni abo ukusigcine sikhuselekile yaye kungakuhle ukuba singasebenzisana nabo.

Imithetho emitsha isibongoza ukuba sihlale ezindlini kangangoko sinako. Zonke iindawo zeziyolo zivaliwe nokhuphiswano yezemidlalo imisiwe. Siyacela nithandaze ezindlini nangona kunzima xa kwehle ishlo sokusweleka kwesizalwane. Imiqathango esuka kumongameli ithi uvumelekile ukuba nabantu abangamashumi amahlanu ukwehla ukuze ukwazi

ukungcwaba isizalwane/isihlobo .

Nasemingwabeni, xa sinqwenela ukwanga abo bazilileyo, kufuneka sizame ukuphepha oko noba sikuqhelile. Masincede singabangi abantu gcina ingcebiso yokumela mgama ongu-1.8 yeemitha kwabanye - ngenjongo yokukhusela wena kunye nosapho lwako.

Ezinye zevenkile ezinkulu ezithengisa ukutya okuninzi eMakhanda sezithathe amanyathelo okuzama ukunciphisa amathuba okusondelelana. Iivenkile zivumela inani elimiselweyo labantu ngexesha. Xa ufolile - gcina umgama ukusuka kumntu omileyo phambi kwakho nomntu omileyo emva kwakho. Hlonipha imithetho yevenkile - lemithetho izama ukukhusela wena kunye nabasebenzi. Bancede ukuze bakuncede. Khumbula, ukugcina umgama wakho akukho krwada - luphawu lwentlonipho olunokusindisa ubomi.



USindi Dingana uncokola kunye nomhlobo wakhe angazokumbona kweziveki zilandelayo ngenxa yovalo mba. Omnye wemithetho ebalulekileyo nenzima yeCoronavirus, kukunika umgama othe qelele kumntu oncokola naye. Kuloxa siphantsi koxinzelelo lovalo mba, kufuneka sihlale emakhaya siphume kuphela xa siyothenga izinto ezisisidingo okanye xa sigula. Iimfonomfono zethu ngeyona ndlela ibalulekileyo ukunxibelelana nesibathandayo. Umfanekiso: Sue MacLennan